



an agency of the
Department of Sport, Arts & Culture

The KwaZulu-Natal Performing Arts Company

Declared in terms of section 3(1) of the Cultural Institutions Act, 1998(Act No 119 of 1998) on 01 April 2003
PO Box 5353, DURBAN, 4000, 29 Acutt Street, DURBAN, 4001, KwaZulu-Natal, South Africa
Tel: (031) 3699555, Fax: (031) 306 2166, Production Services Mayville, Tel (031) 208 4171 Fax: (031) 208 4162
<http://www.playhousecompany.com>

I-PLAYHOUSE COMPANY

ISICELO SESINIKI-MAXABISO: UKUTSHINTSHA INKQUBO EKHOYO YOKUCUPHA UMSI KWIZAKHIWO EZITHATHU ZASE-PLAYHOUSE.

ISALATHISO: PHC 75/2022

I-Playhouse Company liZiko leNkcubeko elibhaliswe phantsi komyalelo weCandelo lesi-3(1) loMthetho wamaZiko eNkcubeko, wonyaka we-1988, ukuze liqhubele phambili ubuGcisa neNkcubeko kwiphondo laKwaZulu-Natala.

Eli ziko limemelela abantu ababhidayo ukuba bangenise iziniki-maxabiso zokutshintsha inkqubo ekhoyo yokucupha umsi kwizakhiwo ezithathu (3) zasePlayhouse Company.

Umsebenzi oza kwenziwa ukuka ezi zinto zilandelayo:

- Ukukhupha izixhobo ezikhoyo
- Ukufakela izixhobo ezitsha
- Ukuquka wonke umsebenzi
- Ukuquka iziqinisekiso
- Ukuquka ukulahla kunye neeP&G ezifanelekileyo
- Ukuquka yonke imizobo noyilo lomxokelelwano weengcingo zombane
- Ukuquka ii-*logbook* kwicandelo ngalinye
- Uqeqesho
- Imanuwali ye-O&M

Uluhlu lwamanani lufakiwe kuxwebhu lwesiniki-maxabiso.

Izinto eziyimfuneko ezifuneka kwantlandlolo zidweliswe apha ngezantsi:

- Umniki-nkonzo obhalisiweyo kuvimba ongundoqo weenkukacha zabaniki-nkonzo kaNondyabo kaZwelonke (C.S.D).
- Isiqinisekiso sokuHlawula iRhafu esisemthethweni okanye i-*pin* ekhutshwe ngabakwaSARS.
- Iingxelo zemali zeminyaka emi-3 edlulileyo ezisandul'ukuphicothwa.
- Iifom zeSBD ezizaliswe ngokupheleleyo zaza zatyikitywa.
- Kufuneka umniki-nkonzo abe lilungu le-FDIA.
- Iziniki-maxabiso kufuneka zingeniswe ngqo kule dilesi ebhalwe apha ngezantsi.

Amaxwebhu eziniki-maxabiso aza kufumaneka kwi-*e-Tender Portal* kunye nakwiofisi elikomkhulu yasePlayhouse Company ezinze ku-29 Acutt Street kwaye ahlawulelwa imali engama-R350 engabuyiswayo yaye afumaneka ngomhla wama-11 **kweyeNkanga ngowama-2022** ukususela ngentsimbi yeshumi kusasa (10h00).

Intlanganiso enyanzelekileyo ebanjelwa kwisiza iza kuba ngoLwesihlanu umhla wama-21 **kweyeNkanga ngo-2022 ngentsimbi yeshumi kusasa (10h00)** ePlayhouse Company, Theatre Building, 231 Anton Lembede Street, Durban 4004.

Umhla wokuvalwa kokwamkelwa kwezicelo zeziniki-maxabiso ngowama-13 **kweyeEtiMnga ngowama-2022 ngentsimbi yeshumi elinanye ngentlazane (11h00)**. Azisayi kwamkelwa izicelo ezifike emva

kwexesha. Kufuneka amaxwebhu athunyelwayo abhalwe ngokucacileyo, afakwe kwimvulophu/kwipasile etywiniweyo abhalwe ukuba aya kwiNgqonyela ePlayhouse Company, 29 Acutt Street, Durban 4001.

Xa unemibuzo nceda uqhagamshelane noMnu. Siya Manqele kule nombolo yomnxeba: 031- 369 9507 okanye kule dilesi ye-imeyili accountingassistant@playhousecompany.com.